UThixo Uphilisa UHezekiya

Imiyalelo: Funda ezi vesi zeBhayibhile kwindawo ongazukuphazanyiswa kuyo. Njengoko ufunda yiba ngathi ulapho nawe. Yiba ngathi uyayibona into eyenzekayo. Beve ngathi bayathetha abantu abalapho uze uvakalelwe ngendlela abavakalelwa ngayo.
Abalinganiswa abaphambili: UHezekiya noIsaya
Ushwankathelo: UHezekiya uyagula, uthandaza kuThixo aze aphile.

1 HLALUTYA ESI SIGANEKO.—FUNDA UISAYA 38:1-9.

Khawuchaze ukuba wawunjani umthandazo kaHezekiya. (*Phinda ufunde ivesi 3.*)

Ucinga ukuba lalinjani ilizwi likaIsaya xa wayethetha amazwi akuIsaya 38:5-8?

Ucinga ukuba uHezekiya wathini xa uIsaya emxelela ukuba uza kuchacha aze aphile?

2 PHANDA.

Ngaphandle nje kokugula, ucinga ukuba yintoni enye eyayimxhalabisa uHezekiya? (Intluva: Funda uIsaya 36:1; 38:6.)

Yintoni esenokuba yabangela uYehova aphulaphule umthandazo kaHezekiya? (Funda eye-2 yeziKronike 31:20, 21; uIsaya 38:3.)

Isenokuba yintoni eyabangela kwanzima ngoIsaya ukuya kuchazela uHezekiya amazwi esiprofeto awahlukileyo kulawo wayemchazele wona ekuqaleni?

Wazi njani ukuba ukubuya umva kwesithunzi kwakungeyonto nje eyenzeka embonweni kodwa ngummangaliso owenzeka ngokoqobo? (Funda eye-2 yeziKronike 32:24, 31.)

www.jw.org/xh © 2013 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

3 ZISEBENZISE IZINTO OZIFUNDILEYO.

Bhala izinto ozifundileyo . . .

Ngokuba uYehova ekulungele ukuphulaphula imithandazo yethu.

_____

_____

Ngendlela onokuzenzela ngayo igama elihle kuThixo.

_____

_____

4 KHAWUZIBUZE:

Kukweziphi iimeko ebomini bam ekufuneka ndithandaze ngakumbi kuYehova?

_____

_____

Ndingayiphucula njani imithandazo yam ukuba ibe yesuk' entliziyweni?

_____

_____

Kule ngxelo, sisiphi esona sifundo sibalulekileyo kum, yaye kutheni?

_____

_____

Icebiso: Yenza le ngxelo ibe ngathi ifundwa ezindabeni. Yichaze uze ube ngathi udlan' iindlebe nabalinganiswa abaphambili kunye nabo babukeleyo.

JW.ORG™

Zikhuphelele le PDF kwi-www.jw.org/xh

www.jw.org/xh © 2013 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania